
**IFakhalthi yezoBugcisa nezeNtlalo iyixabisile intsulungeko kwezemfundo.** Ukuba nentsulungelo kuthetha ukuba uziphatha ngendlela enyanisekileyo, enentlonipho, engenamkhethe, ethabathela uxanduva nesabelayo. Njengomfundi, uya kufikelela kwiimbono kunye nezixhobo zabanye, yaye uya kunikwa umsebenzi wokuhlanganisa iimbono kunye nezixhobo kumsebenzi wakho wesikolo ngendlela evulelekileyo nengenachaphaza. Le Fakhalthi ithabathela kuyo uxanduva ngokufundisa abafundi ngendlela yokusebenzisa iimbono kunye namazwi abanye kwakunye nokuqwalasela iimeko apho kukholeleka ukuba umfundi uthe akenza ngokwemida yolu nentsulungeko. Olu xwebhu lunikezela ngezikhokelo ezithile kubafundi ngendlela yokwenza ngokwentsulungeko, yaye luxananazisa iinqubo ezithi zilandelwe ukuba kukholeleka umfundi uthe weba umsebenzi womnye okanye usebenzise izixhobo zokuKumana Iinkcukacha (zeAI) ngendlela engeyiyo.


Indlela ethi le Fakhalthi ijongane nayo kumba wokubiwa komsebenzi womnye kwanokusetyenziswa kweAI okwamkelekileyo isekelwe kula maxwebhu mane alandelayo nafumaneka kwiwebhusayithi yeKomiti yokuFundisa nokuFunda (https://arts.sun.ac.za/teaching-and-learning-committee):

- Umgaqonkqubo woKubiwa komsebenzi (ekuxhasweni kwentsulungeko kwezemfundo), ka2016 (ekwathi ukususela ngoko wabizwa“uMgaqonkqubo weSU wokubiwa komsebenzi”)
- Inkqubo yokuphandwa kwanokulawulwa kwezityholo zokubiwa komsebenzi, ka2016
- Izikhokelo ezisaqulunqwayo zeSU ngokusetyenziswa kweAI okwamkelekileyo kwakunye nentsulungeko kwezemfundo kwiimvavanyo
- Ngxelo yeSU ngoKusetyenziswa kobuNgqondi beKhompyutha kuPhando nokuFundisa-ukuFunda-nakuVavanyo

✓ Kulindeleke ukuba uziqhelanise *noMgaqonkqubo weSU ongokubiwa komsebenzi* kwakunye *nezikhokelo ezisaQulunqwayo zethutyana ngokusetyenziswa kweAI okwamkelekileyo kunye nentsulungeko kwezemfundo kwiimvavanyo.* Olu xwebhu aluphindi oko kuqulethwe kula maxwebhu koko lucacisa inkqubo yale Fakhalthi yokuqwalaselwa nokophulwa kwentsulungeko kwezemfundo.



**Ukubiwa komsebenzi** luhlobo lokukopa yaye kivame ukubandakanya ukusetyenziswa kweembono zomnye umbhali kunye/okanye nolwimi, ngaphandle kokunikezelwa kwelo wonga koyena mbhali. Ukubiwa komsebenzi kuquka uthotho lweenkqubo ezisusela ekuthathweni komsebenzi womnye umbhali ukuya ekusetyenzisweni gwenxa kweendlela zokucaphula ukuze kuvela abanini bomsebenzi weembono zakho. Ngelixa iintshukumo zokwebiwa kwemisebenzi yabanye abantu ibandakanya ukugxojwagxowa kwentsulungeko kwezemfundo, kwinqanaba lesidanga sokuqala oko kuye kudize ukungaqondakali ngokugqibeleley kwezibhalo zemfundo ndawonye nemigaqo eyayamene nokubhalela ezemfundo.



Ukuvela kwe**AI ekwenzelayo** efikelela kuluntu ngokubanzi ngo2022 kube luphauwu lweenguqu kwimbali yokufundisa nokufunda eziyunivesithi. Le nguqu idiza uthotho lwemingeni abasajamelene nayo abahlohli. Kweyona meko inobuzaza kule nkalo, ukusetyenziswa kwezixhobo zeAI kunokujijisana neentshukumo eziyelelene ekubiweni kwemisebenzi yabanye abantu. Umzekelo, umfundi angathi afake umsebenzi wakhe wesifundo senqanaba lesidanga sokuqala kuChatGPT okanye kwelinye iqonga leAI yesincoko ekwenzelayo ze akungenise oko njengomsebenzi wakhe. Oku kusetyenziswa kweAI kufana nokucela omnye umntu (mhlawumbi omnye umfundi okanye iwebhusayithi “yeqonga elikwenzela imisebenzi”) akubhalele lo msebenzi. Kwangokufanayo, umfundi angathi asebenzise iAI ukuba imenzele umfanekuso ze awungenise njengomsebenzi wakhe wobugcisa. Olu ke ayilulo lodwa uhlobob lokusetyenziswa kweAI okungamkelekanga, kodwa ke noxa kunjalo, nayiphi na imeko yokwaphulwa kwemigaqo yokusetyenziswa ngendlela eyamkelekileyo kweAI kwimodyuli ethile kukunyhashwa kwentsulungeko kwezemfundo yaye kuya kuthatyathwa kwangolo hlobo.

**Inkqubo yeFakhalthi ekuqubisaneni nokubiwa kwemisebenzi yabantu kwanokusetyenziswa gwenxa kweAI kubandakanya la manyathelo mathathu:**




## Ukufundisa

Ukufunda ukukubaleka ukubiwa kwemisebenzi yabantu kwanokusetyenziswa gwenxa kweAI kubandakanya ngaphezu kwemiyalelo yokucaphula, koko nokufikeleleka kwezakhono ezayanyaniswa nokuqulunqwa "kwelizwi lasezifundweni." Ngesi sizathu, imigaqo yokufunda nokubhalela ezemfundo ifundiswa kwisifundo iZakhono zoLwazi 172 kwanakuthotho lweemodyuli zenqanaba lesidanga sokuqala.

✓ Kulindeleke ukuba uzimase zonke izifundo neethuthoriyali ngale miba ukuze ube nokufumana ulwazi nezakhono ezidingekayo.

Ukongeza koku, uninzi lwamasebe ezifundo lunezikhokelo ngeenkqubo zawo zamakhono ezifundo okanye ngemigaqo yokubhala.

✓ Kufuneka ulumke ngoba imigaqo yekhono elithile yahlukile kweyelinye kwanangokwamasebe, yaye nguwe onoxanduva lokuziqhelanisa nemigaqo yamakhono/yamasebe obhalise kuwo.

Ukongeza, ezi nkqubo zilandelayo zisetyenziswa kuzo zonke iimodyuli zenqanaba lesidanga sokuqala kule Fakhalthi:

✓ Olu xwebhu luya kuxhonywa kwiiwebhusayithi zeemodyuli ezikwiSUNLearn. **Kuluxanduva lwakho ukuqinisekisa ukuba ulufundisise yaye uluqonde olu xwebhu.**

✓ Umhlohli/umqulunqi wemodyuli uya kuxoxa ngenkqubo ethe yalandelwa ekubiweni kwemisebenzi yoluntu kwanasekusetyenzisweni gwenxa kweAI nabafundi ze abeke olu xwebhu kwingxoxo ebanzi ngeentlobo zeemvavanyo ezithe zasetyenziswa kuloo modyuli**. Kuluxanduva lwakho ukuzimasa ezi zifundo ze ubuze nemibuzo ukuba kuthi kudingeke ingcaciso.**

✓ Ukuba umhlohli uthi akuvumele ukusetyenziswa kweAI kwimodyuli yakhe kwanakwiivavanyo, oku kuya kwaziswa kwisikhokelo saloo modyuli. **Kuluxanduva lwakho ukuqond ukuba imigaqo esetyenziswayo ekusetyenzisweni kweAI ingahluka ngokweemodyuli, yaye kuluxanduva lwakho ukufunda nokumisela imigaqo eyiyo kwimodyuli nganye. Ukuba umhlohli akawukhankanyi ngokuphandle umba wokusetyenziswa kweAI, kufuneka umntu azicingele ukuba akuvumelekanga.**

✓ **Apho kuvumelekileyo ukusetyenziswa kweAI, ulindeleke ukuba ugcine irekhodi lokuyisebenzisa kwakho iAI kumsebenzi ngamnye othe wawunika (kuquka**

**kunye nezikhokelo).** Nokuba kuthi kanti akulindelekanga ukuba ulungenise nomsebenzi wakho lo msebenzi olu xwebhu, kufuneka ulugcinele umhla apho umhlohli wakho akrokrela ukuba awuyisebenzisanga ngendlela eyiyo iAI **Kufuneka ufunde ze utyikitye isinikezelo sokubiwa kwemisebenzi (**jonga isiHlomeloa 1**), kunye nesinikezelo seAI (**jonga iSihlomelo 2**) ngaphambi kokungenisa nawuphi na umsebenzi**.

## Ukuhlolwa kokubiwa komsebenzi nokusetyenziswa gwenxa kweAI

Abahlohli basebenzisa uTurnitin njengenye yezixhobo ezininzi zokuhlola imvelaphi nontsulungeko yomsebenzi wabafundi. Ingxelo yokufana kaTurnitin inokubonelela ngobungqina bokubiwa komsebenzi okunokwenzeka, kodwa ayigqibeki ngokwayo. Abahlohli kulindeleke ukuba basebenzise ugwebo lobungcali xa betolika amanqaku afanayo, bethathela ingqalelo umxholo, ubume, kunye nenjongo yeasayimenti.

Apho kuvela iinkxalabo, abahlohli basenokuqwalasela ezinye izalathisi—ezifana nokungqinelana kwesimbo sokubhala, iindlela zokucaphula, okanye ukuqinisekiswa kokuqonda ngomlomo—ukwenza uhlolo olubanzi lwemfezeko yomsebenzi womfundi. Onke amatyala arhanelwayo alawulwa ngokwenkqubo yokuFundisa—yeFakhalthi—yoHlolo—nokuGweba, ekhuthaza intsulungeko ezifundweni ngemfundo, uvavanyo olungenamkhethe, kunye nokuthathwa kwezigqibo elubala.

## Ukugweba kwiimeko zokwebiwa komsebenzi

Inkqubo zokugweba kwiimeko zokubiwa kwemisebenzi ibandakanya ukuhlanganiswa kobungqina kwakunye nokuvavanywa "kokuba netyala" komntu orhaneleka ekubeni umsebenzi womnye okanye ekusebenziseni gwenxa iAI. UMgaqonkqubo weSU uchaza ukuba netyala njengoku kulandelayo:

> Ukuba netyala (injongo okanye ukungakhathali) komntu othe weba umsebenzi: Ingaba umntu lowo uwube esazi umsebenzi (njengongo), okanye kwiimeko ezidiza ukuba ebemele ukwazi ngoku kubiwa komsebenzi (ngokungakhathali)? Imeko yokuba netyala (ngenxa yenjongo okanye ngokukhhakhathali) kulindeleke ukuba yenze isigqibo sokubiwa komsebenzi (ngokoMgaqonkqubo weSU, kwiCandelo 7.1).

Amaxwebhu eYunivesithi ajongana nokubiwa komsebenzi amisela amabakala amabini aphangaleleyo okubiwa komsebenzi: "iimeko ezingenabuzaza" kunye "neemeko ezinobuzaza":

- "Iimeko ezingenabuzaza [ezinokuthi ziquke abantu abona okokuqala, abangabafundi abasekumanqanaba asezantsi, ukubiwa komsebenzi okuncinci, ukungakhathali endaweni yenjongo ecacileyo], njengoko kumiselwe ngokwemigaqo yeemeko ezithiwe thaca kulo Mgaqonkqubo, ziqwalaselwa kwinqanaba lesebe okanye kwelefakhalthi, apho kusisidingo kwanangokweenkqubo zangaphakathi zefakhalthi ekufuneka ziphunyezwe yiNtloko yeFakhalthi okanye yiBhodi yeFakhalthi ze zigcinwe

ngembalelwano ngenjongo yokunikezelwa kweengxelo." (Inkqubo yeSU, kwicandelo 5.1.2);

- "Iimeko ezinobuzaza kakhulu [ezinokuthi ziquke abo bangaqaliyo ukona, ubungqina obuphangaleleyo bokubiwa komsebenzi kumsebenzi obalulekileyo
ofana nethisisi, abafundi benqanaba lesidanga esisentla esifana nakwinqanaba leMastazi nelePhD, abasebenzi bezemfundo, ubungqina bokungakhathali obunobuzaza okanye injongo ecace gca, njalonjalo], njengoko kumiselwe kwimimiselo ethiwe thaca kulo Mgaqonkqubo, kufuneka idluliswe iye kwiCandelo loKohlwaywa kwaBafundi (kwiiNkonzo zoMthetho) ukuze ziphandwe ngokwemigaqo yeKhowudi yoKohlwaywa kwaBafundi, ngaphandleni kokuba sele sithatyathiwe isigqibo isigqibo ngenjongo yokuze kulandelwe iNkqubo yokuphandwa kwezityholo zokunyhashwa kwemigaqo nemimiselo engeyiyo le Nkqubo." (Icandelo 5.1.3)

Kuzo zonke iimeko ezikrokrelekayo zokubiwa komsebenzi nokuba zinobuzaza okanye azinabuzaza, umfundi uza kwaziswa ngumhlohli, umququzeleli wemodyuli, okanye yiNtloko yeSebe. "IFomu ediza iziPhoso zeNtsulungeko kwezeMfundo" (kwiSihlomelo 3) iza kuthi igcwaliswe ze igcinwe ngaphakathi kwisebe. Apho kufanelekileyo, ifomu inokuthunyelwa kwicandelo lokuLulekwa lwaBafundi (iiNkonzo zoMthetho) ukuze kuthathwe amanyathelo angakumbi.

## Ukugweba kwiimeko zokusetyenziswa gwenxa kweAI

Kwanjengasekubiweni komsebenzi, inkqubo elandelwayo xa kugwetywa kwiimeko zokusetyenziswa gwenxa kweAI ibandakanya ukuhlanganiswa kobungqina kwanovavanyo "lokuba netyala" komntu lowo. Le Fakhalthi ibonelela ngeemeko ezimbini eziphangaleleyo zokusetyenziswa gwenxa kweAI: "Iimeko ezingenabuzaza" kunye "neemeko ezinobuzaza":

- Iimeko ezingenabuzaza [ezinokuquka abo bona okokuqala, abafundi abakumanqanaba asezantsi, ukusetyenziswa ngokungephi kweAI, ukungakhathali kunenjogo ecacileyo] kujongwana nazo kwinqaba lesebe okanye lefakhalthi. Isohlwayo singaquka ukwehliselwa amanqaku okanye enye indlela yovavanyo (umzekelo, uvavanyo ngokomlomo) ngenjongo yokuvavanya ulwazi lomfndi lowo. Umfundi lowo angathi acelwe ukuba angenise irekhodi lokusebenzisa kwakhe iAI (oko ke kukuthi, imbali yokukhangela kwakhe kuyo kwakunye nezikhokelo zayo).
- Iimeko ezinobuzaza [ezinokuquka abo bangaqaliyo ukona, ubungqina obuphangaleleyo bokusetyenziswa gwenxa kweAI, ubungqina bokungakhathali kakhulu okanye injongo ethe gca, njalo njalo] zingadluliswa yifakhalthi zisiwe kwicandelo lokuLulekwa kwaBafundi (kwicandelo leeNkonzo zoMthetho) ukuze kwenziwe uphando.

Kuzo zonke iimeko ezikrokrelekayo zokubiwa komsebenzi nokuba zinobuzaza okanye azinabuzaza, umfundi uza kwaziswa ngumhlohli, umququzeleli wemodyuli, okanye yiNtloko yeSebe. "IFomu ediza iziPhoso zeNtsulungeko kwezeMfundo" (kwiSihlomelo 3) iza kuthi igcwaliswe ze igcinwe ngaphakathi kwisebe. Apho kufanelekileyo, ifomu inokuthunyelwa kwicandelo lokuLulekwa lwaBafundi (iiNkonzo zoMthetho) ukuze kuthathwe amanyathelo angakumbi.

## Isihlomelo 1:
## Isinikezelo somfundi esingokubiwa komsebenzi

Bonke abafundi kuya kulindeleka ukuba bafunde ze batyikitye isinikezelo esingokubiwa komsebenzi ngaphambi kokungeniswa kwemisebenzi ebhaliweyo, okanye kulindeleke ukuba batyikitye isinikezelo esikwiqonga lezobuchwepheshe kuSUNLearn:

- ✓ Ndiwufundile yaye ndiyawuqonda uMgaqonkqubo weYunivesithi yaseStellenbosch ongokuBiwa koMsebenzi ndawonye neengcaciso ngokubiwa kwemisebenzi yabanye kwakunye nokuzibela umsebenzi ongowakho okuqulethwe kulo Mgaqonkqubo [Ukubiwa komsebenzi: Ukusetyenziswa kweembono okanye izixhobo zabanye ngaphandle kokubakhankanya, okanye ukuphinda kusetyenziswe umsebenzi wakho obusele uwuvavanyelwe ngaphambili ngaphandle kokukukhankanya okanye ukukudiza oko (ukuba umsebenzi wakho obusele uwusebenzisile okanye ukuphindaphinda ukusetyeniswa komsebenzi)].

- ✓ Ndikwakuqonda ukuba ukuguqulela ngokuthe ngqo kukuba umsebenzi womnye umntu.

- ✓ Kwangokunjalo, kufuneka zonke izicaphulo kunye negalelo elisuka nokuba kuphi na (kuquka nakwi-intanethi) zibe zichatshulwe ngokugqibeleleyo. Ndiyakuqonda ukuba ukuphinda kuveliswe isibhalo ngaphandle kweempawu zocaphulo nkqu naxa sele ecatshulwe umnini) kukubiwa komsebenzi.

- ✓ Ndinikela ukuba lo msebenzi oqulethwe apha ngumsebenzi wam yaye andizange ndikhe ndiwungenise ngaphambili (uwonke okanye ingxenye yawo) ukuze uvavanywe kule modyuli/kulo msebenzi okanye kwenye imodyuli/komnye umsebenzi.

## Isihlomelo 2:
## ISinikezelo soMfundi ngeAI

Bonke abafundi kuya kulindeleka ukuba bafunde ze batyikitye isinikezelo esingokusetyenziswa kweAI ngaphambi kokungeniswa kwemisebenzi ebhaliweyo, okanye kulindeleke ukuba batyikitye isinikezelo esikwiqonga lezobuchwepheshe kuSUNLearn:

- ✓ Le mveliso yovavanyo ingumfuziselo wokufunda, ulwazi, izakhono, kunye nolwazi, yaye ndinakho nokubunikezela ubingqina bokuxhasa oku.

- ✓ Apho kuthe kwabe akuvunyelwa konkekonke ukusetyenziswa kweAI, ndingatsho ngentsulungeko nokunyaniseka ukuba andikhange ndisebenzise naziphi na kwezo zixhobo.

- ✓ Apho izixhobo zeAI zivumeleke khona, ndiwagcinile amatyeli endithe ndazisebenzisa ngawo yaye ndikulungele nokuthetha ngenkqubo endithe ndayisebenzisa kwanendlela ethe yaba negalelo ngayo ekufundeni naselwazini endinalo.

- ✓ Ndiyazi ukuba umhlohli angathi andicele ukuba ndibonakalise ukufunda kwam, umzekelo, ngokuthi ndicacise izinto endizikhethileyo ngokwendlela, umongo endiwusebenzisileyo, imithombo endithe ndayikhetha, izigqibo endifikelele kuzo, njalonjalo ngokuthi ndenze olunye uvavanyo olufana nolomlomo (umzekelo).

- ✓ Ndiyazi ukuba ukuba ndithi ndingabi nakuzivuma ezi nkalo zingentla, indlela endiziphethe ngayo ngokwezifundo ingathi ithatyathwe njengengamkelekanga yaye oko kungakhokelela ekubeni ndityatyekwe izityholo zokohlwaywa phantsi kokunganyaniseki okanye kokuba umsebenzi wabanye futhi kuya kuthi kulandelwe iindlela eziqhelekileyo kwezo ndlela zokuziphatha.

- ✓ Ngokwemigaqo yeKhowudi yokoHlwaya yeSU (kumhlathi 10.2.1 no10.2.2) ndiyaqonda ukuba ndithabathela kum uxanduva ngentsulungeko yomsebenzi wam, oquka uxanduva lokucela ingcaciso komnye wabasebenzi bezemfundo ukuba kuthi kubekho nayiphi na into endithi ndingaqiniseki ngayo, futhi ke ndihambe ngokwemiyalelo endithe ndayifumana kule hambo yeemvavanyo zezifundo kubasebenzi abachaphazelekayo nabasemagunyeni (nokuba loo myalelo ukhutshwe ngomlomo okanye ubhalwe phantsi).

- ✓ Ndiyayiqonda eyokuba xa bezingamkelekanga izixhobo zeAI kuvavanyo, okanye apho ndithi ndingakwazi khona ukugcina nokunikezela iinkcukacha zokusebenzisa kwam izixhobo zeAI, le ndlela yokuziphatha iya kuthatyathwa njengokunganyaniseki kwiimviwo nakwiimvavanyo (iKhowudi yokoHlwaya 1.1 c.) njengoko besendibhekise “kumanqaku angekho magunyeni, iincwadi, izixhobo zobuchwepheshe okanye nezinye izixhobo zokusebenza”.

## Isihlomelo 3:
## Ifomu equlethe ukungahlonelwa kwenstulungeko kwezemfundo

Le fomu isetyenziswa ekuwiseni isigwebo kwiimeko zokubiwa komsebenzi kwanokusetyenziswa gwenxa kweAI. Ifomu le kufuneka igcwaliswe ngumhlohli

okanye ngumqulunqi wemodyuli, eboniswa umfundi otyholwayo, ze idluliselwe kwintloko yesebe. Yakuba iNtloko yeSebe iyityikityile le fomu, kufuneka ingeniswe kwicandelo lokuLulekwa kwaBafundi (elikwicandelo leeNkonzo zoMthetho) okanye igcinwe kwifayile engaphakathi kwisebe ngeenjongo zokugcina iirekhodi.

Igama lomfundi nefani:

Inombolo yomfundi:

Imodyuli:

Umhlohli:

Ingcaciso yomhlohli ngeli tyala:

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |
| |
| |
| |
| |

Uvavanyo lomhlohli ngenqanaba lokubiwa komsebenzi/okusetyenziswa gwenxa kweAI:

| | | |
|---|---|---|
| A | Ityala elinobuzaza: kufuneka lidluliselwe kwicandelo lokoHlwaywa kwaBafundi (elikwicandelo leeNkonzo zoMthetho) ukuze liphandwe ngokwemigaqo yeKhowudi yokoHlwaywa kwaBafundi. | |
| B) | Amatyala angenabuzaza: kujongwana nawo ngaphakathi kwiSebe. | |

**Inkqubo yeTyala A**

Apho umhlohli/umqulunqi wemodyuli (ngentsebenziswano nentloko yesebe) athe wamisela ukuba le meko ibonakala “Ilityala elinobuzaza kakhulu” lokubiwa komsebenzi okanye lokusetyenziswa gwenxa kweAI, umfundi lowo kufuneka aziswe, ze ityala elo lidluliselwe kwicandelo lokoHlwaywa kwaBafundi (elikwicandelo leeNkonzo zoMthetho) ukuze liphandwe ngokwemigaqo yeKhowudi yokoHlwaywa kwaBafundi.

Utyikityo lomhlohli/lomqulunqi wemodyuli:

**Inkqubo yeTyala B**

Apho umhlohli/umqulunqi wemodyuli uthe wafikelela kwisigqibo sokuba eli tyala linbonakala “lingelilo elinobuzaza” lokwebiwa komsebenzi womnye umntu okanye lokusetyenziswa gwenxa kweA, uMfundi unelungelo lokuthi amkele esi sigwebo okanye enze isicelo sokuba ityala elo ludluliselwe kwicandelo loKohlwaywa kwaBafundi (elikwicandelo leeNkonzo zoMthetho) ukuze liphandwe ngokwemigaqo yeKhowudi yokoHlwaywa kwaBafundi.

*Isinikezelo soMfundi:* Ndiyayiqonda eyokuba kuvilwe “iTyala elingenabuzaza” lokwebiwa komsebenzi womntu okanye lokusetyenziswa gwenxa kweAI, ngokomsebenzi endiwungenise kule modyuli idizwe ngentla apha. Isigqibo sam ngeli tyala simi ngolu hlobo lulandelayo:

| | | |
|---|---|---|
| B1. | Ndingathanda ukuba eli tyala lidluliselwe kwicandelo lokoHlwaywa kwaBafundi (elikwicandelo leeNkonzo zoMthetho) ukuze liphandwe ngokwemigaqo yeKhowudi yokoHlwaywa kwaBafundi. | |
| B2. | Ndiyavuma ukuba eli “liTyala elingenabuzaza” lokwebiwa komsebenzi womnye umntu yaye ndiyasamkela nesigwebo njengoko simiselwe ngezantsi apha. Ndikwayiqonda neyokuba, ekukhetheni ukuhamba ngale ndlela, Ndiyaphulukana nelungelo lam lokumelwa ngokwasemthethweni. | |

*Isigqibo soMhlohli/soMqulunqi weModyuli ngesigwebo esifanelekileyo:*

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |

